S.S.R.M.: *Imvo Zabantsundu* (20 December 1910), page 3

**Umqondiso**

"Inkosi iya Kuninika Umqondiso Ngokwayo." Isaya 7:14[1]

I "Krisimesi" sisiganeko esicingisa kunene; kodwa singayikuze sigqitywe ngumntu womhlaba. Ngoko, Mhleli, khawunike lomidana ingqotho ngelixesha, ukuze kuthi xa kudunyiswayo ngabo banako sifonononontele senjenjalo nathi magwilitha; sigasa ngelokuthi nokuba umntwana mbi elila kakubi, uyasikwa yimfesane yena unina[2].

Saphinda sawunikwa thina lo mqondiso,
Inkos' ithandile ukwenz' usindiso;
Kuba okaJona wanced' iNiniva
Amagaz' ebhokwe eba ngqivangqiva.
Izelwe iNkosi phuman' ehlathini
Buyani zimpanza kuse luxolweni.

Ongubo ngambini makaph' ongenayo,
Opheth' isonkana makaph' ongenaso,
Amalizo-nqoma nangezogushana,
Kwanyiswanyiswane nangezebhokwana;
Batshil' oYohane ukutshayelela[3];
Bathi lo Mhlekazi uthanda loo ndlela.

Sison' ukuvimba yinyhweba ukupha,
Sison' ukuthiya yinyhweba ukuthanda,
Sisono umsindo yinyhweba uxolo,
Sisono iratshi yinyhweb' intobeko,
Sison' ukuzidla yinyhweb' ululamo.
Zitsh' izimiselo zale Nkos' izayo.

Iwil' i Babeli kwane Peresiya,
IGrike neRoma nazo zasishiya

[1] vii.,12
[2] *Inzuzo* omits this prose preamble.
[3] *ukutshayelelo*

Izizw' ezikhulu zibhukuqekile
Zizinxilisile, ziphephethekile;
Kuvele ilitye elingange ntaba
Zisekelwe kulo namhlanj' ezintaba.

Ility' elikhulu lingange hlabathi,
Licumze izizwe zatsho zaluthuli;
Ility' eliphume lingaziwa bani
Suke layintloko yaz' izikumkani:
Intombi yomitha izale unyana"
"Imthiye igama ithi nguMesiya!"

Nalo k' elo litye laliwa ngabakhi
Namhla liyintloko phesha kwehlabathi,
Livele ngemihla kaKesar Ogosto
Kunge kumayana kunyukelw' ubalo,
Yavel' inkwenkwezi yaxelel' izazi
Zagubuk' izazi zajong' estalini[4].

Namhl' iNkos' izisekel' ubukosi,
"Yizani sigobe ku Krestu iNkosi."
Obu bukhosi namhlanje boma-bumi,
NeNkos' igama nguSonini-nanini,
Kodlula izulu lidlul'iphakade

Obu bukhosi namhla bobaphakade
Inganga namhla zishwabene ubuso,
Inkosi ize kunika umqondiso.
Imimoy' ibethe yadamba elwandle,
Zakhwanqa intlanga, nelwimi, nezizwe.
Zonke iziyatha kunye nembedlenge
Zityil' imfihlelo zenziwe indedebe.

Gecani indlela ecand' eAfrika,
Nay' iza kukhanya uYes' akufika.

---

[4] Esaiini

Wagqibela mzuzu eselusanana
Nanamhl’ akuphinda siya kwamkelana.
Umzi mawuvan’ osentla nosezantsi
Sibike usapho apho kuMsindisi.

Sobika incindi nezifo zempahla;
Sobika intswelo nonqabo lwemvula;
Sobik’ amadoda ukuf’ intliziyo;
Sobik’ ukuthetha okungena zenzo;
Sobik’ amaKrestu ukuxoka kwawo.
Anced’ uMhlekazi satsha zezi ndawo.

Namhlanje lo mhlaba uze kongululwa,
Ozintsikelelo baza kuthuluwa,
Omithi nozingca namhla bakhululwe,
Ozinambuzane sebesikelelwe.
Yoba lithamsanqa yonk[5]’ ingqalekiso
Kuba namhl’ uLizwi wenza umqondiso

Loo nyoka inkulu ijulwe ngaphandle;
Ubuxoki bayo buntywilisw’ elwandle;
Nayo ibotshiwe inyawo nezandla
Yajulw’ emlilweni ngu Baw’ u Somandla
Ngoko siyabonga njengo Sirayeli
Sithi “Haleluya kuy’ u Manyuweli!!”

Ngcango zentliziyo namhla vulekani
Ingene le Nkosi ize idle nani;
Ubom obukhoyo kwanobo buzayo;
Boba lifa lenu elingabhubhiyo;
Yerusaleme yoba ngumzi wenu,
Nihlale nihleli nineNkosi yenu

[5] yonku